Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: **70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).
- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.
- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).
- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.
- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.
- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA A

UMBUZO 1 : UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

1.1 Ubude bobomi bomntu bubalwa ngezinto azenzileyo. √ (1)

1.2 (a) ngokomxholo – kukulahlekwa lixesha. √
(b) ngokwentsingiselo yahlukileyo - kukwenza impazamo ngokuthetha.√ / kukuthetha into kubantu ebekufanele ukuba awuyithethanga kubo. √

(Nayiphi na impendulo enye echanekileyo kwezi ziku-(b)) (2)

1.3 Akunakuba neemposiso nampazamo ungenanto uyenzayo./Ongenzi nto akaphili. √√ (2)

1.4 Kufuneka sibe zizinxada-nxada. √ sibemaphikana. √ /sikhefuzele. √ sigxabha-gxabhise. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.5 Kuyingozi. √ Kubuhlungu. √ (2)

1.6 Kukumana besithi bayakuyenza ngomso. √ / kukusoloko besithi baya kuyenza ngomso. (1)

1.7 Kwizinto ezifundwa ngengqondo sizikhumbula ngokucacileyo ukuba ekuzifundeni kwethu, zitsale iingqondo zethu. √ Siyikhumbula gca into esithe sayenzisisisa ixesha elide ngokwaneleyo.√ / kufuneka simane sihlaziya lwazi lwethu ngalo nto. √

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.8 Ngokukhawuleza. √ (1)

1.9 Oku akwanelanga qha... √√ (2)

1.10 Yeyokuba bakho abantu abaxabise ixesha besebenzisa iingqondo zabo nzima kuba befuna ukuphumelela, lo gama abanye abantu bedikwa kukucotha kwexesha kuba abenzi nto ngalo**.** (2)

1.11 Ndiyaxhasa ukuba kuchanekile kuba umntu ongenanto ayicingayo ezakhe iiyure zihamba kancinane kanye oku kolovane kuba kaloku akananto isebenzisa igqondo. / yenza uxinzelelo lwengqondo. √√ / Akanabunzima ajongene nabo, eyakhe ingqondo izicingela nje ooquhe noofezela, elakhe ixesha lizihambela njee. √√

(Naluphi na uluvo oluxhasayo lomfundi lwakwamkeleka) (2)

1.12 “Into esisimanga kukuba ukuhamba kweeyure kuthabatha ixesha elide kwindoda eyingqondi” (1)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.13 Ngemizamo nemigudu yakhe ayenzileyo elondolozela abantwana bakhe imali. (1)

1.14 Kugxininiswa ukubaluleka komyalezo olandela izenzi eziphinda-phindiweyo (1)

1.15 Ubani nobani, makatye ebeka imali... √. makatye ebeka imali kuhlangabezana neengxaki ukuze imali yenze esiya kukushiya singakwenzanga. √ (1)

1.16 Ngowokuva. √ / ngoweendlebe. √ (1)

1.17 Kukulala cum. √ / Ixesha. √ (2)

1.18 Imizuzu ilishumi phambi kwentsimbi yesibhozo. √ / Imizuzu mihlanu phambi kwentsimbi yesibhozo. √ / Vuka Chantel usingise esikolweni √ / Vuka Chantel uyahala ngentsibi yesithoba. √ (2)

1.19 Ewe zingabancedisa batsho bakwakwazi ukubaluleka kwexesha, khon' ukuze babe zizilumko ezaziyo ukuba umzuzu omnye ubalulekile kuba ngawo unomqela othi ubeyinzuzo yokusebenzela abantwana abaninzi ubashiye befumbethe nto. Wakuba ukwenzile oko ,uyakubalelwa ebantwini babuphililileyo obu bomi. √√ /
Zingabancedisa obo badikwa lixesha ,kuba sonke esi sicatshulwa sigxininisa ubufutshane bexesha esiliphilayo elingonelanga nokuba ingayiminyaka engamashumi asixhenxe na kakade, kodwa ayanele, kuba sithi sibhubhe sinezindlu esingagqibanga ukuzakha, abantwana singagqibanga kubafundisa, nokubanxibisa. √√

OKANYE

Hayi azina kubancedisa, kuba abantu aba abafani ngendlela abadalwe ngayo, abanye ngamavila afuze kwa abazali babo abakhuliswa ngokwenzelwa yonke into. Abatefiswayo besakhula abanakuguquka konkekonke. √√

(Nayiphi na ingongoma ebonisa ukutshintsha komntu obengakuthatheli ngqalelo ukubaluleka kwexesha ze aguquke kweso simo, iyakwamkeleka.) (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: 10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:

- 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
- 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
- 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:

- 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
- 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

QAPHELA
Imo
Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

Ubalo-magama

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
- Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

UCAPHULO		IINGONGOMA	
1.	Ukuze kwakheke ukuzithemba apha kuwe tshintsha indlela yokucinga engakhiyo, uziqhelise ukucinga ngendlela eyakhayo.	1.	Ukuze ube nokuzithemba, tshintsha indlela ocinga ngayo engakhiyo, uziqhelise ukucinga ngendlela eyakhayo
2.	Amandla okuzithemba ayazuzeka kwiqula elingatshiyo eliyimfundo, ngoko ke zixhobise kanobomi ngayo.	2.	Ziphucule ngemfundo ukuze kuphucuke nokuzithemba kwakho.
3.	Hlala ucocekile esiqwini sakho,ubenevumba elimnandi,unxibe kakuhle maxa onke.	3.	Ngamaxesha onke yiba ngumntu ococekileyo emzimbeni unuke kamnandi, unxibe kakuhle.
4.	Yitya ke ngoko ukutya okusempilweni,usele amanzi amaninzi rhoqo, uzilolonge, oko kuyakukunceda ekwenzeni ekuhliseni uxinzelelo lwengqondo olwenza izinto uzibone gwenxa, utsho uzithembe.	4.	Yitya ukutya okunezakha-mzimba, uzilolonge, usele amanzi ngamaxesha onke,kwehle uxinzelelo lwengqondo kuhlume ukuzithemba
5.	Zamkele iimpazamo ozenzileyo ebomini bakho, ugqithe kuzo, ujongane ngqo nezi zinto zikubangela inkxalabo nezidimaza ukuzithemba kwakho.	5.	Iimpazamo ozenzileyo ebomini zilibale, ukuze ujongane nemingeni ekubangela ixhala nokungazithembi.
6.	Ngezinto ezincinane ozenzayo, umane uphumelela kuzo,ngazo kuyahluma ukuzithemba, utsho uzibone ukuba nawe unako.	6.	Izinto ezincinane okwaziyo ukuphumelela kuzo zintshulisa ukuzithemba utsho ukwazi ukwenza izinto zenzeke
7.	Zifundise ukuziqhwabela uzincome usakwenza kakuhle, kuba loo nto iyalenyusa izinga lendlela ocinga ngayo, utsho ubenokuzithemba okuthe kratya. [amagama angama 103]	7.	Kubalulekile ukukwazi ukuzincoma usakuba wenze ngempumelelo ebomini, ngalo ndlela ukuzithemba kuyongezeleleka. [amagama angama 75]

UKUBHALA NGOKOMHLATHI

Ukuzithemba kuwe kwenzeka xa uguqula indlela etenxileyo ocinga ngayo ibe yelungileyo. Ziphucule ngemfundo ukuze kuphucuke nokuzithemba kwakho. Maxa onke yiba ngumntu ococekileyo emzimbeni, ubenevumba elimnandi, unxibe kakuhle. Yitya ukutya okunezakha-mzimba, uzilolonge, usele amanzi ngamaxesha onke, khon'ukuze kwehle uxinzelelo lwengqondo, kukhule ukuzithemba. Iimpazamo ozenzileyo ebomini bakho zilibale, ujongane nemingeni ekubangela ixhala nokuzithemba. Izinto ezincinane okwaziyo ukuphumelela kuzo zakha ukuzithemba, uzibone ukwazi ukwenza izinto zenzeke. Kubalulekile ukukwazi ukuzincoma usakuba wenze ngempumelelo ebomini, ngalo ndlela ukuzithemba kuwe kuyongezeleleka.

[75 amagama]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi eziphelelelyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi eziphelelelyo njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokuphelelelyo.

UMBUZO 3: UKUCAZULULA INTENGISO

3.1 Aloe Vera gel.√ (1)

3.2 Yifonti enkulu. √ / ngumfanekiso wexhego. √ / wendoda encumileyo. √ Ngumfanekiso womntu nowemveliso. √ / Kukubhalwa ngqindilili kwesihloko. √ / Iindidi zefonti. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.3 C .√ / C- yenza okuninzi. √ / Yenza okuninzi. √ (1)

3.4 Wolutsha. √ (1)

3.5 Uluxhasa ngokugqibeleleyo kuba ikhala lisegameni layo le mveliso. √√ / kuba umfanekiso wekhala uyahambelana negama lale mveliso. √√

OKANYE

Aliwuxhasi ngokugqibeleleyo kuba abukho ubungqina obuqinisekisa ukuba ngenene ikho inkxaso kwimveliso ethengiswayo, umfanekiso ngumfanekiso wokuhombisa isibhengezo-ntengiso. √√ (2)

3.6 Yongula inwebu kumehlo weenkonde. Iyangqinelana ngenene kuba inkonde engaka ibifanele ukuba inxibe izipeksi. / iintanyongo kuba ingasaboni kakuhle, kodwa ngenxa yokuba isebenzisa le mveliso ayinayo inwebu emehlweni. √√ Ikhusela ulusu, luhlale lumpuluswa njengoko nenkonde inolusu olumpuluswa. (2)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

3.7 Kuchanekile ukusetyenziswa kwebinzana, kuba ikhuthaza umthengi ukuba le mveliso iza kuwondla ngokwayo amalungu omzimba, nto leyo enokukhuthaza umthengi ukuba afune ukuyisebenzisa. √√

OKANYE

Akuchanekanga ukusetyenziswa kweli binzana kuba umthengisi ujonge ukuloba abathengi nenzuzo qha. Umntu otya ukutya okunezakhamzimba, ezilolonga angamhle njengexhego elikwisibhengezo ntengiso. √√ / Akuchanekanga kuba omnye angatolika igama u “yondla” njengesiyaleli esinika umthengi uxanduva lokuwondla ngokwakhe la malungu, nto leyo enokumtheza amandla. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Yengafanelekanga √, kuba ubefanele ukuba unayo inombolo katitshala, njengoko ingutitshala womtwana wakhe, kwa indlela asabela ngayo ibonisa ukuba akanazo iinombolo zomnxeba katitshala. √

OKANYE

Yefanelekileyo √, akukho nto igwenxa ekubuzeni ukuba ngubani othetha naye kuba ungangabinaye uTrue Caller. √ (2)

4.2 Kubonisa ukuvakalelwa kokudikwa kwakhe. √ / ukucaphuka kwakhe. √ kubanomsindo kwakhe. √ / ukukhwaza kwakhe ngenxa yokukruquka. √ (1)

4.3 C – UnguMama osoloko enomsindo, uphuma-silwe ovuth’amadangatye, nosoloko ethetha kugqibele yena. (1)

4.4 Ezokoyika.√ kuba indlela ahleli ngayo ibonisa ukuba ukude ngeengcinga.√ / Ezexhala kuba izandla eziphakathi kwamadolo zibonisa ukoyika. √ (2)

4.5 Ndingaphawula ngelithi isimo sika Ethan asisihlanga kokwabo kuba kunokuba ehleli nje uyangxoliswa ngunina, oko kumenze angakwazi ukuziphatha naxa esesikolweni ngokuhlonela utitshala nabanye (2)

4.6 Ngowokuba abazali mabanga khwazi xa bethetha nabantwana nabo, kuba ukungxola akwenzi ukuba umntu othetha naye ayive le nto uyithethayo, ndaweni yoko kwenza kuvele isimo senkani, ibonakale lo nto ke njengokuqaqadeka. √√ Masizifundise ukumamela abazali nootitshala singabantwana. √√

(Nayiphi na impendulo enika umyalezo ongekhathuni ecazululwayo yakwamkeleka.) (2)
[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

5.1 Awusuki √ kwisikolo semfundo ephakamileyo awuyi √ eYunivesithi. (2)

5.2 Uza kuzilawula. (1)

5.3 Sisetyenziswe salandela isiqu sesenzi uthi okwixesha elidlulileyo.√
Sisetyenziswe emva kwesiqu sesenzi uthi, noguquke isikhamiso sangu – e ngenxa yexesha elidlulileyo. (1)

5.4 Sisihlonipho.√ sithetha ukuba mabasele utywala. √ (2)

5.5 Iphezulu. √ kuba kuyabuzwa sisithethi. √ (2)

5.6 UKhanyisa wakhuza / √ / wancwina √ ebuza kumkhaya wakhe ukuba uza kufika athini √ yena phaya engabazi naba bantu asiwa kubo. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.